WINE HARVEST COMMEMORATIVE EVENT

ICANDELO LOSHISHINO LWEEWAYINI LASEMZANTSI AFRIKA LINIKA IWONGA ABAHLAHLELI-NDLELA ABANE

Abahlahleli-ndlela abane becandelo loshishino lweewayini laseMzantsi Afrika baye banikwa iwonga ngoLwesithathu umhla wesi-2 Febhuwari 2022 kumcimbi wesikhumbuzo obanjwa minyaka le kweli candelo loshishino, i-Wine Harvest Commemorative Event – nobubanjwe eKapa, e-Groot Constantia Wine Estate onembali eyaziwayo. Lo mcimbi ububhiyozela ukuqalwa kwecandelo loshishino lweewayini laseMzantsi Afrika, ubucela iiNtsikelelo zeSivuno, kwaye ubunika iwonga abo babanenxaxheba kweli candelo loshishino lweewayini nabathi balibumba kwaye banefuthe kulo.

Ngexesha lalo mcimbi icandelo loshishino lweewayini libalule abantu ngegalelo labo eligqwesileyo kwezi ndidi zilandelayo: i-**Visionary Leadership**, i-**Diversity and Transformation**, i-**Wine Appreciation and Wine Advancement**, ne-**Viticulture and Wine Creation**. Lo mbiyozo ubanjwe ukusukela ngo-1974 ukunika iwonga abantu abenze umahluko omkhulu kweli candelo loshishino.

I-1659 Visionary Leadership Award
U-Carmen Stevens, umntu omnyama wokuqala eMzantsi Afrika ukuvunyelwa ukuba afunde ukwenziwa kwewayini, unikwe iwonga elinendumase le-1659 Award for Visionary Leadership kulo nyaka. Imimiselo ekumele ifezekisiwe yokuba abantu okanye iinkampani zifanele eli bhaso lodidi oluphezulu iquka, ukubonisa imizamo kunye namaphulo aye anenzuzo kwicandelo loshishino lweewayini laseMzantsi Afrika; iimpembelelo ezingapheliyo kunye nelifa; kunye nokukhuthaza nokuvuselela abanye kweli candelo loshishino.

U-Carmen unamava okwenza iwayini kangangeminyaka engama-25. Emva kokuthintelwa ekuqaleni ekubhaliseni e-Elsenburg ngenxa yebala lakhe, u-Carmen waqhubela phambili wasebenza njengomenzi wewayini kwimidiliya yodidi eyahlukileyo ngaphambi kokuba asungule i-Carmen Stevens Wines (PTY) Ltd, inkampani yokuvelisa iwayini yokuqala ukuba nomniniyo ngokupheleleyo (100%) olibhinqa elingumntu omnyama nesekelwe e-Stellenbosch. Ngaphandle kokuvelisa iiwayini eziliqela ezafumana amabhaso aphezulu, u-Carmen unesikhundla kwi-Wine and Spirits Board kwaye ungummeli kwibhodi ye-South African Transformation Unit.

U-Carmen uzimisele ukuba lulutho eluntwini kwaye uphuhliso lolutsha kwicandelo loshishino lweewayini yinto esenyongweni kuye. Ukholelwa ngamandla kukubaluleka kweenkqubo zokuxhotyiswa kwabasebatsha ukuze abantwana bakwazi ukuqabela ngaphaya kwezi meko bakhulela kuzo. Ukuza kuthi ga ngoku i-NPO yakhe ibonelele abafundi abangama-41 3636 ngeepleyiti zokutya ezizizigidi ezili-11 622 731.

Ungumntu odlala indima yakhe nohloniphekileyo kweli candelo loshishino, noqhubekekayo nokuvuselela abo banamabhongo okuba ngabenzi bewayini, nabenzi abasakhasayo kunye nabo sebemile kulo msebenzi kwiinkalo zonke.

Ukubalulwa nge-Diversity and Transformation
U-Denise Stubbs wakhethwa ukuze afumane iwonga kudidi lwe-Diversity and Transformation. Imimiselo ekumele ifezekisiwe ngabantu ukuze bafanele olu didi iquka ukuhlahlela indlela usenzela abanye ngokususa imiqobo esendleleni; ngokuba ngumzekelo omhle nangokuvuselela abanye; ukwenza igalelo kulwazi olunokusetyenziswa ngabanye nokuba nefuthe jikelele kwindlela elibonwa ngayo icandelo loshishino lweewayini laseMzantsi Afrika.

Ibihleli iliphupha lika-Denise ukuba lulutho eluntwini lakhe waza wathi akunikwa ithuba, wawushiya umsebenzi wakhe kwiinkampani ezinkulu waza waseka iThokozani, ekunye nabasebenzi basezifama abangama-65 nabanesabelo sobunini kule nkampani.

U-Denise ngoku nguMlawuli oPhetheyo eThokozani (gama elo elithetha 'imibhiyozo' ngesiZulu) kwaye udlale indima ebalulekileyo ekuyileni i-Thokozani Group of Companies, eliphulo lokuXhobisa aBantu abaMnyama kweZoqoqosho Ngokusekelwe kuNinzi, neliqulathe isabelo kumashishini eewayini, eenkomfa, eehotele nawepropati. Ngoku iThokozani ithumela imveliso kumazwe angaphandle asixhenxe awohlukileyo.

U-Denise ukwibhodi ye-Wines of South Africa kwaye uye wawina amabhaso aliqela – kuquka i-International Enterprising Women Award ka-2019. U-Denise ungumzekelo omhle kwabanye, uyinkokheli kweli candelo loshishino kwaye ulikhankatha kwabanye – igalelo lakhe lihlahlela indlela amafama kunye nabenzi bewayini abangamabhinqa ukuze nabo bashiye umzila.

Ukubalulwa nge-Wine Appreciation and Wine Advancements
U-Christine Rudman uye wanikwa iwonga njengofumene ibhaso kudidi lwe-Wine Appreciation and Wine Advancement.

Imimiselo ekumele ifezekiswe ngabantu abalifaneleyo iquka igalelo elinesihlahla kwindlela ebonwa ngayo iwayini kunye nokusetyenziswa kwayo ngengqiqo, kwakunye nokwenza icandelo loshishino lweewayini laseMzantsi Afrika libe negama elihle.

I-Cape Wine Masters – iye yamnika iwonga kabini leli candelo loshishino lweewayini – u-Christine unamava angaphezu kwamashumi amane eminyaka kweli candelo loshishino. Ukususela ngo-1977 ukuya ngo-1995, uye wanesikhundla njenge-Wine Brand Manager waza wayi-Marketing Manager e-Stellenbosch Farmers Winery. Emva koko ube yiNqununu ye-Cape Wine Academy noSihlalo we-Institute of Cape Wine Masters. Ngo-2015, wachongwa njenge-Technical Director ye-Michelangelo International Wine and Spirits Awards, ngaphambi koko wayekuphela komgwebi eMzantsi Afrika kangangeminyaka elithoba.

Uye wangcamla kumagqiza amazwe ngamazwe kwiYurophu iphela nalapha ekhaya, uye wangumgwebi kumabhaso amaninzi awohlukileyo. Kananjalo uye

wenza uqeqesho njengochwephetshe wokungcamla iwayini kwaye wamela iwayini yeseMzantsi Afrika kumaqonga amazwe ngamazwe.

Igalelo lika-Christine kwezokubhala liquka iincwadi eziphuma minyaka le ezinendumase kumazwe ngamazwe, i-Platters Wine Guide, i-Wineland, i-Classic Wine, i-Best Value Guide ne-Wine Tourism Handbook.

Ukubalulwa nge-Viticulture and Wine Creation
Ofumene ibhaso lalo nyaka le-Viticulture and Wine Creation ngu-Francois Viljoen, ingcali yolimo lwemidiliya kwicandelo loshishino lweewayini laseMzantsi Afrika kule minyaka ingama-36 idlulileyo, nonesidanga se-BSc kwi-Viticulture and Oenology yeYunivesithi yase-Stellenbosch, kwakunye nesidanga see-Honours kwi-Agri Extension Services.

Imimiselo ekumele ifezekiswe ngabantu ukuze bafanele eli wonga iquka uphuhliso lwamacebo amatsha, ubuxhakaxhaka kunye neendlela zokusebenza kweli candelo loshishino lweewayini, ukuqalisa ezi zinto kunye nokuzigqithisela kwabanye, ukutshintsha iingqondo zabantu nokwenza inzuzo kwicandelo loshishino lweewayi laseMzantsi Afrika lilonke.

Ngaphambi kokuthabatha esi sikhundla sakhe sokukhokela i-Gen-Z Vineyard Project ngoJulayi 2019, u-Francois, owaqala ubizo lwakhe ngo-1986 njenge-Viticulturist Advisor esakhasayo kwiMimandla yase-Robertson nase-Klein Karoo, wayengumphathi weenkonzo zeengcebiso ze-Vinpro kangangeminyaka engama-20, ngeli xesha wayekhokela iqela leengcali zezolimo lwemidiliya neenzululwazi zemihlaba zale nqila.

U-Francois wanikwa iwonga eliphezulu lendebe ye-Pon van Zyl yi-Robertson Wine Valley ngo-2014 ngegalelo lakhe eligqwesileyo kule nqila nakweli candelo loshishino ngokubanzi. U-Francois ubonelela ngeengcebiso nolwazi olubalulekileyo lwezolimo lomdiliya kwimizi yeewayini nakubavelisi bazo kweli candelo loshishino liphela kwaye umela abavelisi bewayini kwiikomiti ezahlukileyo, iibhodi namaqela ezomsebenzi eli candelo loshishino.

“Ibiligugu ukufumana inyoba yokubalula abantu abadlala indima kweli candelo loshishino, abaye banefuthe elingummangaliso kwicandelo loshisho lweewayini laseMzantsi Afrika kule minyaka,” utshilo uGqir. Ernest Messina, uSihlalo wase-Groot Constantia. “I-Wine Harvest Commemorative Event yaminyaka le ngumhla olangazelelwa kakhulu kwikhalenda yecandelo loshishino lweewayini – oko akuphelelanga nje ekubeni sikwazi ukubhiyozela ukuqalwa kweli candelo loshishino eMzantsi kwaye sisikelele isivuno esitsha, koko kukwangenxa yokuba siyakwazi nokubhiyozela aba bantu banesakhono esingummangaliso.”

Nika inkxaso icandelo loshishino lweewayini laseMzantsi Afrika

Umcimbi i-Wine Harvest Commemorative Event ube nakho ukwenzeka ngenxa yenkxaso yezemali kunye nobambiswano ne-Ninety One, i-Groot Constantia, i-Standard Bank, i-Vinpro ne-Die Burger. Umcimbi okwi-intanethi usafumaneka kwiwebhusayithi ngokuya ku-www.sawineharvest.co.za. Nceda uqhubeke nokuxhasa icandelo loshishino lweewayini kwisoshiyal midiya usebenzisa u-#sawineharvest2022.

Iyaphela

DAWUNLOWUDA IIFOTO EZICACE KAKUHLE:
https://www.dropbox.com/sh/ff27jzhq7m4brvr/AABcgC7Xaj2xYWDsEffUEFZ4a?dl=0

Ukusuka ekhohlo ukuya ekunene ngu-Rico Basson (i-Managing Director yase-Vinpro), u-Natalie Phillips (i-Deputy Managing Director yase-Ninety One), u-Denise Stubbs (Wokubalulwa kwe-Diversity and Transformation), u-Francois Viljoen (Wokubalulwa kwe-Viticulture and Wine Creation), u-Carmen Stevens (we-1659 Visionary Leadership Award), u-Christine Rudman (Wokubalulwa kwe-Wine Appreciation and Wine Advancement), uGqir. Ernest Messina (uSihlalo wase-Groot Constantia), u-Willem Jordaan (uMhleli we-Die Burger) no-Reghardt Strauss (i-Standard Bank Head of Agribusiness: Western Cape). -

IIDILESI ZESOSHIYAL MIDIYA: @sawineharvest #sawineharvest2022

Ikhutshwe egameni: le-Wine Harvest Commemorative Event, Ikhutshwe: ngu-FusionDesign, Umqhagamshelwa wakwa-PR: u-Carmen Lerm
Umnxeba: 082 825 5715 I-imeyile: carmen@fusiondesign.co.za